Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 11

## NOVEMBA 2020

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 3 (EXEMPLAR)

**AMANQAKU:** **100**

**IXESHA:** **2½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha ama-4.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO amaBINI angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: IZINCOKO | | (50) |
| ICANDELO B: IMIHLATHI | (2 x 25) | (50) |

   QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/ itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/ amagama angundoqo, njl.njl) uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
   ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-290–340.

1.1 Ndandicinga ukuba ndiyamazi. **[50]**

1.2 Uxinzelelo lwengqondo eluntwini. **[50]**

1.3 Ifuthe lokuvaleleka endlwini ngenxa yeKhorona kuqoqosho lwelizwe. **[50]**

1.4 Umthathi uyawuzala umlotha. **[50]**

1.5 Iinguqu endingazenza njengoMphathiswa wezeNtlalontle. **[50]**

1.6 Ukulunga nokungalungi kokufunda ngamaqonga onxibelelwano. **[50]**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi -intanethi www.images.com waza wahlelwa] **[50]**

1.7.2



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.images.com waza wahlelwa] **[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100−120 (umxholo kuphela).

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta eya kumhlobo wakho uvelane naye ngexa elele ngandletlananye esibhedlele. **[25]**

2.2 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yetitshala ebalasele ekuhlohleni izifundo zeziBalo. **[25]**

2.3 **UDLIWANO NDLEBE**

Bhala udliwano ndlebe oluphakathi kwakho nomchola-choli wendaba. **[25]**

2.4 **IRIVYU**

Bhala irivyu yencwadi obe uyifunde ngexesha lekhefu. **[25]**

2.5 **INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho esesikweni oza kuyenza kubafundi bebanga leshumi elinanye ubakhuthaze ngokubaluleka kwethemba. **[25]**

2.6 **INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini elimalunga neendlela zokuzigcina usindile kwisifo seKhorona. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha